Isalathiso: 20170124-7609
12/2/8/13/1
Imibuzo: W Mercuur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0007/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuququzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakootitshala beeLwimi nabeJografi bezikolo eziphakamileyo

Isihloko: UKhuphiswano ngeZincoko lwe*SADC* luka-2017

1. Kucelwa wazi ukuba amangenelo okhuphiswano luka-2017 avulelekile.

2. Umxholo ka-2017 uthi: ***"Harnessing Sustainable Energy for Regional Economic Development."*** Umxholo, osuka kwingqungquthela yeentloko nakoorhulumente bamazwe ngamazwe i-36th *Ordinary South African Development (SADC) Summit of Heads of State and Government*, uthi: ***"Resource Mobilisation for Investment in Sustainable Energy Infrastructure for Inclusive SADC Industrialisation for the Prosperity of the Region"***. Xoxa ngokuphathelele ekubeni oku kungakhokelela njani kuphuhliso lwezoqoqosho oluzinzileyo.

3. Eli qela leengongoma lenzelwe ukukhokela abangenelayo ekuxoxeni ngalo mxholo oyintloko ungentla. Abangenelayo mabaxoxe ngazo zonke iingongoma ezidweliswe apha ngezantsi:
   a) Xoxa ngezinto eziyinzuzo kwezoqoqosho ezixhanyulwa ngamazwe angamalungu e*SADC* ngokuphathelele kwiinkqubo zotyalo-mali kwizibonelelo zamandla asetyenziswa ngononophelo (*sustainable energy resources*). **(20 amanqaku)**
   b) Xoxa kuvokotheke ngeendidi zethekhinoloji zamandla asetyenziswa ngononophelo ezixhasa iphulo lelizwe liphela (*global initiative*) "lokunonophela indalo" ("*going green*"). **(15 amanqaku)**
   c) Njengomfundi wasesekondari, qaphela izakhono ezingundoqo ezibalulekileyo ezifunekayo ukuqhubela phambili iiprojekthi zezibonelelo zezamandla ezisetyenziswa ngononophelo kummandla we*SADC*. **(20 amanqaku)**

d) Xoxa yaye unike nemizekelo yeeprojekthi zosetyenziso lwezamandla ngononophelo kummandla we*SADC* ezijoliswe kumanyano ngokommandla nokhuseleko lokubonelela ngezamandla (*regional integration and energy supply security*). **(15 amanqaku)**

e) Xoxa ngesiphumo esingancomekiyo esibangelwa lusetyenziso loovimba bezamandla kokusingqongileyo kwanokucacisa malunga nokuba yeyiphi imigaqo emiselwa yi*SADC* ukunciphisa ezi ziphumo. **(15 amanqaku)**

f) Xoxa ngendima emayidlalwe ngabathathi-nxaxheba abangeyonxenye yoorhulumente (*non-state actors*), amacandelo amashishini abucala (*private sector*), imibutho engekho phantsi kukarhulumente (*non-governmental organisations*), oogunyaziwe bemveli (*traditional authorities*) kwanoluntu lwasekuhlaleni ekubonelelweni nasekuzisweni kwezamandla asetyenziswa ngononophelo ngenjongo yokuphuhlisa ezoqoqosho nezentlalo. **(15 amanqaku)**

4. Kucelwa uqaphele ukuba:
   - Isincoko eso masingabi ngaphezulu kwe-1500 yamagama ubude yaye singabi nganeno kwe-1000 yamagama ubufutshane. Ukuba isincoko eso sichwetheziwe, ongenela olu khuphiswano makasebenzise u-*Arial 12* (u-1.5 wokuspeyisa) aze anonjolwe amakhasi.
   - Izincoko mazingeniswe zichwetheziwe ngolwimi lwesiNgesi.
   - Umphambili woqweqwe makubhalwe kuwo igama lomfundi, iinkcukacha zoqhagamshelwano (iselula nedilesi ye-imeyili), igama lesikolo kunye nephondo.
   - Olu khuphiswano luvuleleke kubafundi bezikolo eziziiisekondari kuphela.

5. Bonke abafundi bezikolo eziziisekondari abangabemi bamanye amazwe (*secondary school nationals*) abasuka kuloo mazwe angamalungu e*SADC* bamkelekile ekuthatheni inxaxheba kolu khuphiswano.

6. Kuya kuthunyelwa izincoko ezichongiweyo zibe zithathu ezisuka kwiphondo ngalinye zisiya kwiSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke ungadlulanga owe-05 Meyi 2017. I-Ofisi kaNobhala ye*SADC* (*SADC Secretariat*) ibekele bucala isixa esiyi-US $1000 njengebhaso lemali elenzelwe abaphumeleleyo kuzwelonke bokhuphiswano abakwilizwe ngalinye elililungu lommandla we*SADC*. Ibhaso lemali liya kwahlulwa-hlulwa ngolu hlobo lulandelayo:
   - Yi-US $500 kwibhaso lokuqala
   - Yi-US $300 kwibhaso lesibini
   - Yi-US $200 kwibhaso lesithathu

   Umgqatswa ngamnye uya kufumana umlinganiselo webhaso lemali elitshintshelwe kwiirandi. Izincoko ezithathu eziphumeleleyo kuzwelonke ziya kuthunyelwa kwiOfisi kaNobhala we*SADC* ukwenzela ukuba zibe nokuthathelwa ingqalelo kolu khuphiswano lommandla.

7. Amangeno anokuthunyelwa kula magosa alandelayo ngomhla okanye phambi kowe-**07 Apreli 2017:**
   - **Nks F Haffejee (*DCES–English*), i-imeyili: Fazeela.Haffejee@westerncape.gov.za Ifeksi: 086 627 7434; okanye**
   - **Mnu G Samaai (*DCES–Geography*), i-imeyili: Glen.Samaai@westerncape.gov.za**
   - **Uvumelekile kwakhona ukungenisa amangenelo akho ngokudlula kuMcebisi ngeZifundo wesiNgesi/weJografi kwi-ofisi yesithili sakho.**

8. Sinqwenela ukukhuthaza zonke izikolo zithathe eli thuba lokuthatha inxaxheba kolu khuphiswano lunika umdla.

9. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo oku.

ISYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-01-27